URhulumente weNtshona Koloni
EzoLimo
UBAMBISWANO NGAMANDLA.

ISAZISO
ESIBALULEKILEYO

ISIBHENGEZO NGOKUCHONGWA KWAMALUNGU OKUSEBENZA KWIBHUNGA LEZIKO LWEZOLIMO NOQEQESHO E ELSENBURG

Umphathiswa Wamathuba kwezoQoqosho umema imibutho enomdla ukuba ichonge abagqatswa abafanelekileyo ukuze bamiselwe njengamalungu eBhunga kwiZiko leZolimo noQeqesho e Elsenburg.

Injongo yeBhunga kwiZiko leZolimo noQeqesho e Elsenburg kukunika inkxaso kwiNqununu kunye nabahlohli kweli Ziko ze liqinisekise ukuba eli Ziko liphethwe ngendlela eyiyo. Kufuneka abagqatswa ibe ngabantu abakwaziyo ukucinga bengakhange baphimiselwe ifuthe koko, babe nokuthembakala yaye bakwazi ukuvelisa isikhokelo ngamacebo okwenziwa komsebenzi kwiZiko leZolimo, iBhunga nakuMphathiswa.

Kucelwa ukuba abachongwa baphume kumaqela akwezi nkalo zilandelayo:

Imibutho yeemveliso zorhwebo ichonge umfama omnye (1), usomashishini ngezolimo okanye umbutho omele ezolimo.

Kufuneka abagqatswa abachongiweyo babenolwazi kunye namava kwenye inkalo okanye nangaphezulu, kwezi zilandelayo:
- Ezezimali kunye/okanye Ukushishina.
- Ezomthetho.
- Uncedo ngezoLuntu.
- Uphicotho-zincwadi.
- Ukwenza ucwangciso ngento zonke kunye nangesiseko soncedo (Infrastructure).
- Ezolimo kunye Nokusongelwa kwemveliso zeZolimo (Agribusiness).
- uQoqosho kunye okanye Uphuhliso lwaseMaphandleni.

Ngaphezu kwezi mfuno zingentla, kufuneka abagqatswa babe ngabahlali ngokusisigxina kweli Phondo yaye babe ngabantu abasemandleni yaye bawufanele lo msebenzi.

Xa umntu ephendula kwesi simemo, kufuneka abagqatswa bafezekise oku kulandelayo:
- Ifomu egcwalisiweyo yaze yatyikitywa ngumgqatswa.
- Kufuneka ifomu yokungenela ikhatshwe sisiqinisekiso ngokubhalwe ngumchongwa, nalapho avumayo ukuba ukulungele ukusebenza njengelungu lebhunga.
- i C V eneenkcukacha ezipheleleyo zomgqatswa.
- iiKopi eziqinisekisiweyo ze ID, izatifiketi zobungqina bemfundo kunye nobungqina bobulungu kumsebenzi owufundeleyo nowenzayo.

Njengokuba kungumgaqo ofezekiswayo phambi kokumiselwa, kufuneka abagqatswa abayakubizelwa ukuphononongelwa lo msebenzi balungele ukuba bavumele ukuphandwa kwabo kwimicimbi engezezimali kunye nemvelaphi yabo de bafikelele apho bakhoyo namhla. Kufuneka izicelo ziphawulwe ngokuba mazamkelwe ngu: Nksz Zenovia Parker ze zithunyelwe kwi-ofisi ye:
Chief Director, Elsenburg Agricultural Training Institute, ngenye yezi ndlela zilandelayo:

Ungayithumelisa ngesandla e:

Elsenburg Agricultural Training Institute
Muldersvlei Road, Elsenburg

GPS Co-ordinates Elsenburg Head Office: 33.845259 S 18.834722 E
Okanye ungayithumela ngele email: zenoviap@elsenburg.com

(uyifake kwibhokisi ephawulwe ngokucacileyo: ELSENBURG COLLEGE COUNCIL NOMINATION).
Umhla wokuvalwa: 21 Isilimela 2018

Zonke izicelo zokungenela oku zizakuphathwa ngokuyimfihlo. Izicelo mazifike ngo 12:00 (emini) phambi/ngomhla wama **21 Isilimela 2018**. Azisayi kuphononongwa zonke izicelo ezingagcwaliswanga ngokupheleleyo, kwa nezicelo ezifike emva kwentsimbi ye 12:00 (malanga) ngalomhla ubekiweyo. Nceda uqinisekise ukuba agcwaliswe kakuhle onke amaphepha afunekayo ze athunyelwe kuselithuba.

Thumela imibuzo ku: Nksz Zenovia Parker kule nombolo yoMnxeba 021 808 7798
Ungazifumanela izicelo zokungenela kule dilesi: www.elsenburg.com